

Vuk'uzenzele

Ipapashwe liZiko lezoNxibelelwano nokuSasazwa koLwazi lukaRhulumente (GCIS)

English/isiXhosa

EyeSilimela 2020 Ushicilelo 2



Isikhokelo ekuvulweni kwakhona kwezikolo

Iphepha lesi- 7



UMzantsi Afrika ungena kwisigaba sesi-3

UMongameli uCyril Ramaphosa ubhengeze ukuba uMzantsi Afrika ungene kwisiGaba sesi-3 ukusela ngomhla woku-1 kweyeSilimela – apho kwandiswe khona amacandelo oqoqosho avulwayo kananjalo kususwe izithintelo eziliqela kwiintshukumo zabantu.

Esenza intetho esizweni kutshanje ngemiba emitsha yesicwangciso-cebo esilungisiweyo semingcipheko yaseMzantsi Afrika kulawulo lokusasazeka kwe-COVID-19, uMongameli uthi ilizwe liya kusebenzisa iindlela ezahlukeneyo kulawulo lweendawo ezinabantu abaninzi abanale ntsholongwana nabosulelekayo.

Iindawo ezinabantu abaninzi ngokugqithisileyo abane COVID-19

Ezi ndawo zibhengezwe njengeendawo ezinabantu abaninzi abanentsholongwane ye-corona. Ziquka ezi zixeko zimbaxa zilandelayo:

- isiXeko saseTshwane
- isiXeko saseGoli
- Ekurhuleni
- eThekwini
- isiXeko iNelson Mandela Bay
- i-Buffalo City
- isiXeko saseKapa

Ezinye iindawo ezichongwe njengeendawo ezinabantu abaninzi ngokugqithisileyo abanesi sifo ngumasipala wesithili waseWest Coast, iOverberg neCape Winelands eNtshona Koloni, isithili saseChris Hani eMpuma Koloni, kunye nesithili sase-iLembe KwaZulu-Natal.

Indawo enabantu abaninzi ngokugqithisileyo yindawo enabantu abangaphezu kwesihlanu abasulelekileyo kubantu abangama-100 000 okanye apho inani labantu abatsha abasulelekayo landa ngesantya esikhawulezayo.

Njengelinge lokunqanda le ntsholongwane kwezi ndawo, urhulumente uza kuqalisa izicwangciso ezinzulu zongenelelo ezijoliswe ekunciphiseni inani labantu abatsha abasule-



lekayo.

“Siseka imimiselo enamandla yokucupha, ukunqanda usuleleko ngokunjalo nolawulo. Siza Kubeka iqela labasebenzi abanamava eliza kugxumeka iintente zalo lihlale isigxina kwindawo nganye enabantu abaninzi ngokugqithisileyo abanale ntsholongwane,” utsho uMongameli.

Eli qela liya kuquka iingcali zezifo ezingoobhubhane, iingcali zempilo yeentsapho, abongikazi, abasebenzi bempilo yoluntu, iingcaphephe zempilo yoluntu kunye neenkonzonyango kwiimeko zika-

xakeka, kwaye liya kuxhaswa ziingcaphephe zaseCuba.

“Siza kuqinisekisa ukuba indawo nganye enabantu abaninzi ngokugqithisileyo abane-Covid-19 inazo nkonzo zovavanyo, izibonelelo zokubekwa komntu yedwa, izibonelelo zolwahlukaniso kuthintelo losasazeko, unyango, iibhedi zasesibhedlele nokufumaneka komkhondo wabadibene nabasulelwe yile ntsholongwane.

“Ukuba kukho imfuneko, nayiphi indawo yelizwe inokubuyiselwa kwisigaba sesi-4 okanye sesi-5 ukuba inani labantu abosulelekileyo

liyaqhubeka nokukhula nangoku sele sithathe la manyathelo okungenelela kwaye kubonakala ukuba amaziko ethu ezempilo aza konganyelwa ngamandla ngumthwalo wabantu abafuna uncedo,” utshilo.

Uluhlu lweendawo ezinabantu abaninzi ngokugqithisileyo abanale ntsholongwane luza kuphengululwa rhoqho emva kweeveki ezimbini kodwa oku kuza kuxhomekeka ekwandeni kwale ntsholongwane.

Ukuvulwa koqoqosho


Ukungena kwisigaba sesi-3, esingene kuso ekuqaleni kwenyanga yeSilimela, kubandakanye ukubuyiselwa kwamacandelo oqoqosho amaninzi emsebenzini, kodwa kufuneka athobele imimiselo engqongqo yempilo kunye nemithetho yokungasondelelani phakathi kwabantu. Bathe chattha nabasebenzi bakarhulumente ababuyele emisebenzini ngokwamasotya oMthetho wokuKhusela uMonzakalo neziFo emSebenzini nangokukhokelwa liSebe leeNkonzo zikaRhulumente noLawulo, nangokubambisana nawo onke amanye amasebe karhulumente.

• Liqhubeka kwiphepha lesi-2

Ukufunda uVuk'uzenzele khuphela i-GOVAPP kwi:




Khangela u- SA Government kwi Google playstore okanye kwi-appstore

QHAGAMSHELANA NATHI  Vuk'uzenzele  @VukuzenzeleNews

Iwebhusayithi: www.gcis.gov.za I-imeyili: vukuzenzele@gcis.gov.za
www.vukuzenzele.gov.za Inombolo yomnxeba: (+27) 12 473 0353

Tshedimosetso House:
1035 cnr Frances Baard and Festival streets, Hatfield, Pretoria, 0083

EZINTSHA NGE-COVID-19

• Liqhubeka lisuka kwiphepha loku-1

Imimiselo nezicwangciso kwiindawo zokuphangela

Ngokuya kusandiswa amacandelo oqoqosho avulwayo, urhulumente uya kuthembela kwizivumelwano zentsebenzisano nabo bonke abadlali-ndima abaphambili kwiindawo zokuphangela nakwintsebenziswano phakathi kwabasebenzi noluntu.



“Ngoko ke, siza kuqoshelisa imimiselo yamacandelo eliqela futhi siya kufuna ukuba inkampani nganye iqulunqe esayo isicwangciso sendawo yokuphangela phambi kokuba ivule,” utshilo.

Ngokwezi zicwangciso, iinkampani kuza kufuneka ukuba ziseke imimiselo nezibonelelo zococeko nezokuthaza ukungasondelani phakathi kwabasebenzi; kuza kufuneka ukuba zihlale abasebenzi zijonga iimpawu ze-Covid-19 xa befika emsebenzini yonke imihla, ziba-beke bodwa abo bafumaneke benale ntsholongwane zize zenze amalungiselelo okuba bavavanywe.



“Kwakhona afanele ukuncedisa ngokufumaneka komkhondo wabadibene nabo bafunyaniswe benale ntsholongwane. Ngenxa yokuba besemngciphekweni omkhulu wokosuleleka, bonke abasebenzi abaneminyaka yobudala engaphezu kwama-60 kunye nabo bebesele benezifo ebezibahlupha kakade ezifana nesifo

sentliziyo, eseswekile, isifo semiphunga esesinethuba sikhona kunye nesomhlaza bafanele ukuhlala ekhaya,” utsho uMongameli.


Abasebenzi abanokusebenzela ekhaya mabavunyelwe ukuba benze njalo.

Ngokuthobela le mimiselo,



yooyonke imizi-mveliso, imigodi, icandelo lezokwakha, eleenkonzo zezimali, iinkonzo zobungcali nezoshishino, ezobuchwepheshe be-nkcukacha, ezonxibelelwano, ezikarhulumente nezosasazo lweendaba, ziza kuvulwa ngomhla woku-1 kweyeSilimela. Ukuqalisa ngokutsha okufanelekileyo nokufakelwa kwezicwangciso ngokwamabakala kuya kufuneka kwenziwe ngokwendawo nganye yokuphangela.

“Iivenkile ezinkulu nezo zithengisa ngezixa ezikhulu ziza kuvulwa ngokupheleleyo, kuquka iivenkile zesiqhelo, iivenkile ezizixoxo (iziphaza) nabathengisi abangabhalisanga



ngokusesikweni. Urhwebo olwenziwa nge-intanethi luza kuhlala luvulelwe. Amanye amacandelo ebevuliwe ngaphambili, afana nelezolimo kunye nezamahlathi, awezinto ezisetyenziswa imihla ngemihla, iinkonzo zonyango, awokwenziwa kweemveliso zokutya naweemveliso zococeko, aya kuqhuba ngokuvulwa ngokupheleleyo,” utshilo.

Amacandelo ezoqoqosho anobungozi asavaliwe

Amacandelo ezoqoqosho asemngciphekweni omkhulu

wokusasaza le ntsholongwane aseza kuvalwa. La macandelo aquka:

- Iiresty, izimokolo nezinye iindawo zentselo, ngaphandle kokuba ukutya kuza kusiwa okanye kuza kulandwa.
- Iindawo zokuhlalisa abahambi nezothutho lwasemoyeni lweli lizwe, ngaphandle kwabo bahambela iingxaki zoshishino, oluya kuvulwa ngokwamabakala ngemihla eya kubhengezwa.
- Iinkomfa, amatheko, nemicimbi yokuzonwabisa neyemidlalo.
- Iinkonzo zokhathalelo lobuqu bomntu, kuquka iinkonzo zokulungiswa kweenwele nezobuhle.



Ukuhambahamba kwabantu nokuthengiswa kotywala

Abantu baya kukwazi ukulolonga imizimba yabo nangeliphi ixesha emini, kodwa bangakwenzi oko ngokwamaqela. Kuya kuvulelwa ukuhambahamba kwabantu.

“Utywala bungathengiselwa umntu oza kubuselele ekhaya kuphela phantsi kwemiqathango engqongqo, ngemihla exeliweyo futhi kwiiyure eziqingqiweyo. Kuza kwenziwa izibhengezo malunga nalo mba sakuba sigqibile ngeengxoxo neli candelo malunga nemiqathango



ngo eyahluka-hlukeneyo,” utsho uMongameli.

Intengiso yeemveliso zecuba ayizikuvumeleka nalapha

kwisigaba sesi-3, ngenxa yobungozi beemveliso zecuba kwabo batshayayo.

“Zonke iindibano azivumelekanga nangoku, ngaphandle kwemingcwabo nayo engafanelanga kuba nabantu abangaphezu kwabangama-50 okanye iintlanganiso zemisebenzi kwindawo



yokuphangela,” utshilo.

Kulindeleke ukuba linyuke inani labasulelekileyo

UMongameli Ramaphosa uthi, njengamalungiselelo okunyuka okulindelekileyo kwamanani abantu abasuleleke nge-COVID-19 kweli lizwe, zimalunga nama-20 000 iibhedi zezibhedlele ezilungisiweyo, nezilungiselelwa izigulana ze-COVID-19, kanti kwakhiwa nezibhedlele zethutyana ezingama-27 elizweni jikelele.

“Ziliqela kwezi zibhedlele esezilungiselelwe ukwa-

mkela abantu abosulelwe yintsholongwane ye-Corona.”

UMongameli uthi urhulumente uyawubulela umsebenzi abaqhuba ngokuwenza abasebenzi bakarhulumente, ngakumbi abo basebenza ngqo noluntu kweli dabi lokulwa i-COVID-19.

“Ukhuselo lwabo bonke abasebenzi, kuquka abasebenzi bakarhulumente, ngumba osentloko kuthi. Siza kuqhuba ngokwenza



onke amalinge okunika inkxaso yobonelelo olwaneleyo lwezinxibo zokhuselo lobuqu bomntu ukuqinisekisa ukhuselo lwakhe wonke umntu osemsebenzini.

“Okuphambili kuthi kukunciphisa amathuba okusasazwa kwale ntsholongwane nokudala isizwe esikhuselekileyo kuye wonke umntu,” utsho. **U – SAnews.gov.za**

Amacebiso afanele ukulandelwa ukuthintela ukusuleleka sisifo sentsholongwane ye-Corona.

- » Hlala ekhaya kangoko unakho.
- » Khumbula ukungasondelani nabanye abantu
- » Nxiba imaski yakho yobuso
- » Hlamba izandla zakho ngesepha ngocoselelo. Hlamba imiva yezandla zakho, phakathi kweminye naphantsi kweenzipho. Qho phambi kokuba utye hlamba izandla zakho ngesepha emva kokuba ubuphandle phakathi koluntu.
- » Gquma umlomo wakho ngephepha lokusula impumlo xa ukhohlala okanye uthimla. Kuthintele ukubamba ubuso bakho ngezandla ezimdaka ngawo onke amaxesha.
- » Funa uncedo lonyango xa uziva ungaphilanga. Iimpawu eziqhelekileyo ze-COVID-19 emzimbeni ziquka ukukhohlala, impumlo evuzayo, umkhuhlane nephika. Ukuba uziva unazo naziphi kwezi mpawu, cela uncedo lweengcali zonyango kwangoko.

Ngolwazi oluthe vetshe tsalela umnxeba kwiZiko leSizwe leZifo eziSulelayo (i-NICD) kumnxeba ohlala uvuliwe imini nobusuku kule nombolo 0800 029 999 okanye ngena apha: www.health.gov.za nalapha: www.nicd.ac.za



government communications

Department: Government Communication and Information System
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

Tel: 012 473 0353

Email: vukuzenzele@gcis.gov.za

Address: Private Bag X745, Pretoria, 0001

Head of Editorial and Production
Khusela Diko | khusela@gcis.gov.za

Editor-in-Chief
Tyrone Seale | tyrone@gcis.gov.za

Managing Editor
Ongezwa Mogotsi
ongezwa@gcis.gov.za

News Editor
Noluthando Motswai

Writers
More Matshediso, Jauhara Khan
Silusapho Nyanda
Senior Designer | Tendai Gonese
Junior Designer | Tsholofelo Sepeng

Language Practitioners

Nomgcibelo Motha | Boitumelo Phalatshe
Thandolunye Magudulela | Sizwe Ziqubu
Witness Ngobeni

Vuk'uzenzele
is published by Government
Communications (GCIS)

All rights reserved. Reproduction of the newspaper in whole or in part without written permission is strictly prohibited.

Printed by: RISING SUN PRINTERS
For Ethical and Quality Service

Distributed by: ON THE DOT



"LIFIKILE IXESHA LOKUBA SISEBENZE
NGOKUBAMBISANA, EGAMENI
LIKANELSON MANDELA, SAKHE UMZANTSI
AFRIKA OMTSHA NONGCONO OZA
KUXHANYULWA NGUMNTU WONKE."

UMONGAMELI CYRIL RAMAPHOSA

#SendMe

SIKWAKHELA IKAMVA ELIQAQAMBILEYO
SIHAMB A EKHONDWENI LIKAMADIBA



Masikhusele size sixhase abantwana bethu

USuku lweHlabathi lokuKhuselwa kwaBantwana, kubanjwa isikhumbuzo salo kwihlabathi liphela ngomhla wesi-3 kweyeSilimela, ngeenjongo zokufundisa ngamalungelo abantwana kwihlabathi liphela nentlantle. Kamnandi, olu suku lukwalusuku olufanayo no-Suku lweHlabathi laBazali le-UN, elihlonipha indima edlalwa ngabazali nabagcini-bantwana kwimpilo yabantwana

Ndifuna ukubulela izigidi zabazali, oomawomkhulu kunye nabagcini-bantwana eMzantsi Afrika abaqhubekayo nokudlala indima emandlangethuba bekwinqanaba elibalulekileyo labantwana bethu. Inkuthazo, inkxaso kunye nokhuselo abantwana abalufumana kubazali nabagcini-bantwana zibalulekile kubomi nempumelelo yabantwana xa bebadala.

Ngomhla woku-1 kweye-Silimela eli lizwe lakuthi lingene kwisigaba esitsha kwidabi lokulwa intsholongwane i-corona. Amacandelo amanzi ezentlalo nawezozoqosho avulile, kuquka nokuvulwa kwezikolo ngokwezigaba.

Besithe siza kwenza unyenyiso ngendlela engangxamanga, sikhokelwa zingcebiso esizifumana koosonzululwazi nangokujonga iimeko esizibonayo ekuhlaleni nangokufakana imilomo namahlakani.

Kwezi veki zimalwa zidlulileyo, njengoko sisenza amalungiselelo okubuyela kwabantwana esikolweni, siye sabamba iingxoxo ezishushu nabo bonke abadlali-ndima kwicandelo lezemfundo. Sikhokelwe ziziphumo zezi ngxoxo kwindlela esiyisombulula ngayo le ngxaki inzima futhi ingumngeni omkhulu.



Uninzi lwala mahlakani – aquka ootitshala nabazali – luvakalise inkxalabo ngemeko yezikolo ezininzi engekabikho kwisimo esifanelekileyo. Sibavile, kwaye siyazibulela izimvo zabo eziligalelo kwaye sithatha amanyathelo afanelekileyo ukulungisa ezi zinto zibaxhalabisayo futhi sizithathela ingqalelo neziphakamiso zabo.

Siyayiqonda into yokuba kutheni ingaqini iminqwazi yabazali nabagcini-bantwana abaninzi malunga nokuvulwa kwezikolo. Siyavuya kuba abantwana beza kukwazi ukubuyela esikolweni emva kwexesha elide izikolo namaziko emfundo ephakamileyo evaliwe. Abantwana bakulangazelela kakhulu ukubuyela esikolweni babone abahlobo nootitshala.

Kodwa lisekhona ixhala elincinci kubazali, kootitshala nakubafundi uqobo.

Abazali bafuna ukuqinisekisa ukuba enziwe amalungiselelo okukhusela abafundi ngendlela efanelekileyo. Ukhuseloko lwabantwana kwezempilo nasemzimbeni yinto ebaluleke ngaphezu kwazo zonke kuthi. Yinto eyiyeyona

ingundoqo kuthi.

Njengoko sisenza amalungiselelo okuvula izikolo nama-ziko emfundo ephakamileyo ngokwezigaba, amagosa emfundo awasalali imini nobusuku esebenza eqinisekisa ukuba enziwe onke amalungiselelo ezempilo nawokhuseleko. Nokuqinisekisa ukuba namaxwebhu anika iingcaciso ngeendlela zokusebenza zomntu wonke anikwe zonke izikolo. Ezi ndlela zokusebenza zomntu wonke ziquka imiba efana noqeqesho nokufundiswa kwabantu abaza kuhlola iimpawu ze-COVID-19, ukutshintshwa koluhlu namaxesha okufunda nokuvavanya, ukutshintshwa kwindlela ekuhlalwa ngayo kumagumbi okufundela ukuze kukwazi ukuba kungabikho ukusondelelana kwabafundi.

Siyaqhubeka nenkqubo yokuthumela izixhobo zokuzikhusela ezikolweni kwanokuqinisekisa ukuba iinkonzo zamanzi nezogutyulo zikhona. Ukufunda, xa sekuqalile, kuza kuqhutywa phantsi kwemiqathango engqingqwa egxininisa ukuba liqingqiwe inani labafundi abakwigumbi lokufundela ngexesha.

Njengabazali, ootitshala, amaqumrhu olawulo lwesikolo kunye norhulumente, siyavumelana ukuba akukho sikolo siza kuvulwa ade enziwe onke amalungiselelo okhuselelo. Kufuneka ziziswe ngaphambili ingxelo ezicacisa imeko yesikolo ngasinye malunga nokulungela ukuvula. Wonke umntu ongumdlali-ndima ophambili, nokuba ngumzali, iqumrhu lolawulo lwesikolo, utitshala okanye igosa likarhulumente kufuneka akwazi ukufumana ulwazi oluchanekileyo ngemeko yokulungela ukuvula yesikolo ngasinye. Luxanduva lwethu sonke ukuqinisekisa ukuba indawo yokufunda ikhuselekile.

Ndibothulela umnqwazi ikakhulu abazali nabagcini-bantwana ngendima abayidlalileyo kwezi nyanga zimbini zidlulileyo. Ngethuba izikolo bezivaliwe, ibingabo abebesenza umsebenzi omkhulu wemihla ngemihla wokufundisa nokukhulisa abantwana babo. Abazali abaninzi nabagcini-bantwana bebencedisa abafundi ngomsebenzi wabo wesikolo emakhaya, ngolo hlobo ndiqinisekile ukuba

nabo baye bawubona nomsebenzi onzima owenziwa ngootitshala beli imihla nezolo.

Lakuba ligqithile ixesha lokuvalelwa phantsi kwemiqathango ethile baze nabafundi abaninzi babuyela esikolweni, thina bazali kufuneka siqhubeke nokudlala indima emandla kwimfundo yabantwana bethu, nokuba kukuba yinxalenye yequmrhu lolawulo lwesikolo, nokufaka isandla ngokuthi sinike uncedo njengamavolontiya esikolweni nokuba loluphi uhlobo loncedo esinokulunikwa. Abazali bangancedisa ngokuthi bancedise kumaphulo okucoca isikolo, ukulima izitiya zemifundo okanye babe yinxalenye yeekomiti zabahlali zokukhusela isikolo. Oku kungazitshintsha izikolo zitsho zibe 'zizikolo zoluntu' ngenene.

Nangona sinexhala noloyiko njengoko abantwana bethu bephuma ezindlwini zethu, kufuneka kodwa sihlale nethemba elithi akukho nto ingenziwanga ukuqinisekisa ukuba bakhuselekile.

Njengabazali, nisinike uxanduva lwentlantle nokhuseleko lwabantwana benu. Lo msebenzi siyabuqonda ubunzulu bawo. Kwezi ntsuku neziveki zizayo, siza kuyibeka esweni le nkqubo yokubuyela kwabantwana esikolweni.

Ukuba silandela yonke imigaqo sithathe namanyathelo okuzikhusela – njengabazali, ootitshala, uluntu nabafundi – singaluthena ulwamvila lwentsholongwane i-corona.

Ekugqibeleni zizinto ezenziwa ngumntu ngamnye nesizenza sisonke eziza kukhusela abantwana bethu. Nantoni na esiyenzayo elandelayo ngoku, kufuneka siyenze ngokubambisana. **V**